

Februwari
2011

	Telephone	Fax
Hermanus	028 313 8000	028 312 1894
Gansbaai	028 384 8300	028 384 0241
Kleinmond	028 271 8400	028 271 4100
Stanford	028 341 8500	028 341 0445
24 Hour Emergency Fire Brigade		028 313 8000/8111 028 312 2400

Bulletin

Incwadi ethunyelwa amalungu e-Bhunga le Overstrand esesikweni

INGXELO YOHLOLO-ZINCWADI ZEMALI ENGENAKHWINIBA

ULUNTU LUYAKHUTHAZWA UKUBA LUNIKE IZIMVO ZALO

Ingxelo yonyaka-mali yowama-2010/2011 kaMasipala weOverstrand ingeniswe nguSodolophu oLawulayo uNicolette Botha-Guthrie kwintlanganisano eyodwa yeBhunga ebibanjwe ngomhla wama-25 Janyuwari 2012, kwaye iindaba ezinkulu zezokuba sifumene ingxelo yezeemali engenachaphaza. Ingxelo enje ngunyaka wesine lo zilandelelana kodwa kugxininiswa kweminye imiba.

Kwimbulambethe yakhe uSodolophu uthethe nawuphi na umbutho ingxelo yawo yonyaka ibaluleke kakhulu kwaye ibaluleke kakhulu xa kujongwa emva kujongwa amahlandinyuka exesha elidlulileyo, isetyenziselwe ukubeka iitekeni zokusebenza nezokuphucula umgangatho.

Le ngxelo eluhlobo olutsha olufundeka lula iza kufumaneka kuluntu nakwabanye abachaphazelekayo ukwenzela ukuba banike izimvo zabo de kube ngomhla we-2 Matshi 2012. Iza kufumaneka kwisikhundla somnathazwe sikamasipala www.overstrand.gov.za kwaye ingxelo ebhalwe ephapheni iza kufumaneka ezi-ofisini zoluntu nakumathala eencwadi.

IBhunga liza kuyiqwalasela le ngxelo yonyaka lidibanise nezimvo zoluntu kwintlanganisano emiselwe umhla wama-28 Matshi 2012. Le ntlanganisano iza kuvuleleka kuluntu lonke.

USodolophu umeme bonke abachaphazelekayo, ingakumbi imibutho yabahlawula iirhafu nemibutho yoluntu ukuba isebenzise le ngxelo ukuba inike umasipala ingxelo, izindululo nezimvo njengoko iOverstrand ixakekile iqulunqa iSicwangciso soPhuhliso oLudibeneyo (IDP) sale minyaka mihlanu ilandelayo. "Iimfuno nemingeni emininzi ivelisiwe kule ngxelo kwaye ngenxa yemeko yezoqoqosho embi akuzi kuba lula ukujongana nayo. Kuza kunyanzeleka ukuba kuthathwe izigqibo ezinzima kwaye siza kuxhomekeka kwizimvo zoluntu ukuze silandele ikhodo elililo," uvale ngaloo mazwi.

Ubulele kubo bonke abasebenzi ngokukhokela ngobungcali bolwazi wathi oku kubonakalisa ukuba abasebenzi bobona butyebi bukamasisipala.

IINKALO EKUJOLISWE KUZO KWI-IDP ENTSHA

Iinkalo ezintlanu ekujoliswe kuzo kwiSicwangciso soPhuhliso oLudibeneyo (IDP) sowama-2012 de kube ngowama-2017 ziyunjwe nguSodolophu oLawulayo uCeba uNicolette Botha-Guthrie, kwimbulambethe yakhe kwingxelo yakhe yakutsha nje yonyaka kamasipala weOverstrand. Ziquka ezi zilandelayo:

- Ukunikizelwa kweenkonzo ezisisiseko okuquka, phakathi kwezinye, ulawulo nophuhliso olunobungcali lwezibonelelo zikamasipala.
- Ukuphuculwa koluntu nophuhliso lwezoqoqosho kugxininiswa kuphuhliso olungatshintshiyo lweendawo zokuhlala abantu, kudalwa imeko elungele uphuhliso lwezoqoqosho namacebo neeprojekthi eziza kuphucula amagela asemngciphekweni wezinto zonke zokuphila.
- Ukufikelela encochayini kwizibonelelo zemali ngolawulo olululo.
- Ulawulo olululo luxhaswa lulawulo ngokuncedisana kulandela izikhokelo zomgaqo-siseko, unxibelelwano olululo nothatho-nxaxheba luluntu nolawulo lukamasipala oluphilileyo.
- Indawo ekhuselekileyo nenempilo phakathi kwezinye, kukuhzwa ukhuseleko loluntu, ulawulo lweentlekele, nolawulo olululo lwendawo leyo.



UKHUSELO NOKHUSELEKO KUQALA

Ngokwegunya lalo uKhuseleko loLuntu lwaseHermanus, (Hermanus Public Protection) (HPP) lusoloko lukhangela iindlela zokuphucula ukhuseleko nokhuseleko lwabahlali nabatyebile lusebenzisa iindawo zikawonke-wonke ezikumhlaba oluwabelweyo. Ngethuba leeholide zehlobo zonyaka ophelileyo iHPP ibonelele ngendlwana yokhuseleko eHermanus kuyo kusoloko kukho abezokhuseleko yonke imihla besabela iingxelo zolwaphulomthetho nezidube-dube zoluntu kwiindawo ezingamaziko olwaphulo-mthetho. Ngokuqinisekileyo eli nyathelo libe negalelo elihle kwezona holidi zakha zakho kule ndawo. Ekumiselweni kwale ofisi ihambayo ukusuka ekhohlo nguMarius Hendriks, (INTloko yoGcino-mthetho), USodolophu oLawulayo uNicolette Botha-Guthrie, USihlalo we-HPP uTreurnicht du Toit, HPP uMlawuli-jikelele uJohn Tunstall, Lt. Col. Francois de Wet wamaPolisa aseHermanus, noWayne Bean noQuintin Gombert, bobabini abasuka kwinkampani yokhuseleko u ADT.

XA UWUTHENGILE UMBANE AWUNAKUKURHOXISA OKO

Sisoloko sifumana izicelo zokurhoxisa ukuthenga umbane. Oku akuna-kwenziwa kwaMasipala eOverstrand. Xa uthenga umbane uthenga ngemali njengaxa uthenga umoya wefoni yakho. Usakubhatala kwenziwe yonke into awunakurhoxisa nto.

Esinye sezizathu eziphambili zezi-celo zokurhoxisa ukuthenga kukuba inombolo ye-meter yombane asiyo le yomnini, kwenziwe impazamo. Ukuba uthenge umbane ngenombolo yomnye umntu luxanduva lwakho ukuba uye kuloo mntu uthenge ngenombolo yakhe alithathe iphepha akubuyisele imali yakho.

Enye ingxaki kukuba kuthunywaba abantwana okanye abahlobo baye kubhatala iinkonzo suka bona bathenge um-

bane ngempazamo. Luxanduva lomnikhadi ukuqinisekisa ukuba iinkcukacha ezichanekileyo zizo ezinikwa umthengisi-mbane.

Ukuba unetyala leenkonzo kukho imali etsalwayo ebonakaliswa ngo-"aux" apha etyaleni lakho. Ukuba uyihlawula yonke le mali ebilityala yiya kwicandelo lolawulo-zimali ukwenzela basuse lo "aux". Ukuba awukwenzanga oku le mali ibimana ukutsalwa iza kuqhubeka itsalwa.

Abathengi kufuneka baqwalasele ukuba inombolo yamatyala eenkonzo ayiveli kwiphepha lombane. Ukuba bafuna ukuhlawulela neenkonzo ngaxalinye nombane mabaye kwicandelo lokunceda abathengi baqale bafumane iphepha elineenkcukacha zamatyala abo.



Umlawuli weeNkonzo zoLuntu, umnu. Roderick Williams, ucacisele abantu baseBetty's Bay abafumene iitayitile kwiprojekthi yobonelelo ngezindlu.

KUNIKEZELWE NGEETAYITILE E-BETTY'S BAY

Balishumi elinesibini abantu baseBetty's Bay abafumene iitayitile zezindlu kwiprojekthi yobonelelo-ngezindlu. Bafumene iKresimesi kwangoko xa uSodolophu oLawulayo uCeba uNicolette Botha-Guthrie, ebanika iitayitile zezindlu zabo kumsitho obungoLwesithathu, 21 Disemba 2011. "Ndivuya kakhulu ngokuba ndibe yinxalenye yalo msitho uphambili kangaka. Sesona siphosabaluleka endingazange ndicinge ukuba ndingaze ndisinikezele komnye umntu. Umnqweno wam ngowokuba nonke nizigcine kakuhle izindlu zenu", utshilo uSodolophu.

Elinye inyathelo eliwenza ube ngowodwa lo msitho zizivumelwano ezikwiteyiphu ezihamba netayitile – oku kokoqala ngqa eMzantsi Afrika. Ezi zivumelwano zishicilelweyo ezenziwe nguBusiness Law: Informal Sector Solutions (BLISS), ziza kubaxhobisa abantu ekuyiqondeni into yokuba ngabanini bezingdli beziziqu zabo kananjalo basebenze ngokomthetho iConsumer Protection Act. Lo mthetho ulawula ukubonelelwa ngeenkonzo kwabamfundo iphantsi kwaye injongo yawo kukuxhasa iintalontle nezoqoqosho lwabasebenzisi abangenanto.

Izivumelwano ezishicilelwe ngelizwi yindlela ehlakaniphileyo yokubonelela uluntu olunemfundo ephantsi ngolwa-

zi oluchanekileyo malunga neengcembolo zezivumelwano. U-BLISS uyenza le nto njengegalelo elifelele ukuncedisa umasipala ekunikezeni iinkonzo kwabo bangenanto. Kucetywa iprojekthi efana nale kuphuhliso lweKleimond. I-ofisi yephondo yobonelelo ngezindlu nayo ibonise umdla kwezi khontrakthi.

UMasipala weOverstrand usandula kuqatshelwe ngumbutho ongekho phantsi kukarhulumente ogama lingu-Urban Landmark, ozibophelele ekubeni uthengiso lwemihlaba lube nentsingiselo kwabangenanto, njengomnye woomasipala abambalwa kweli lizwe oziqwalaselayo iingxaki zezomthetho ezinxulumene neetayitile zemihlaba nezibonelelo zezezindlu.

Ngokuka-Urban Landmark, uMzantsi Afrika uphoswa lithuba lokwenza izigidi-gidi zeerandi njengemali yokumela umthengi kwizindlu ezinikwa abantu ngurhulumente ebezinokusetyenziswa ukuphucula iindawo zokuhlala, ukuthenga impahla yendlu nokuboleka imali yokuqala amashishini amancinci.

Kwizindlu ezizizigidi ezi-3 ezanikezelwa ngurhulumente ukususela ngo-1994 kuphela sisigidi esi-1,44 sezindlu ezabhaliswayo kwi-ofisi yemihlaba.



II-SWAYISWAYI NEMINYE IMICULO

Kuza kuba kho iikonsathi ezimbini ezikudidi oluphezulu ziququzelelwa lisebe leNkcubeko leOverstrand (OAK). Ezi konsathi ziza kuba seCivic Auditorium eHermanus kwezi veki zimbalwa zizayo.




NgoMGQIBELO, 11 FEBRUWARI ngeye-19:00:

Ulonwabele ithuba elilodwa lomculo waseVienna. Iqela iJohann Strauss Ensemble Wien liza kukonwabisa ngemidaniso yaseVienna i-waltzes, i-polkas ne-marches ngendlela ifana ncam naleyo ubuya kuyibona ukuba ubuseVienna.

NgoMGQIBELO, 3 MATSHI ngeye-19:00: Elinye lamaqela aphezulu ehlabathini ebhrami iHarmonic Brass Munich, liza kudla eziphambili zomculo weklasikhi obizwa ngokuba ngu-Concerto Festivo!

Fonela uBELLINI ku- 028 312 4988 ucele ukubekelwa indawo. Itikiti libiza i-R100 (R50 kubafundi). Xa ufuna enye ingcaciso ungafonela uRené du Plooy ku- 082 940 4238.



MASI



INTLONIPHO



Ukuhlonipha omnye umntu ngokuqinisekileyo sesinye seziseko esichaza umntu noluntu lwakhe. Oku kukhokela umntu abe nenkathalo, abe nobulungisa, abanye bakwazi ukuxhomekeka kuye abe ngumntu olwaziyo uxanduva lwakhe kwabanye abantu nakokusingqongileyo.

Xa sicinga ngembeko sicinga ngezinto ezifana nendlela umntu azibona ngayo, intelekelelo nentlonipho.

Intlonipho ibonisa indlela enzulu yokubuka indalo noluntu nokunyammezela ubomi nabanye abantu. Iya-samkela isidima somnye umntu, ukuzimela komnye umntu nelungelo lokuba nezimvo zakhe kungekho nento ethi oko kukhomekeke kwenye into. "Intlonipho... kukwamkela ufufana yedwa komnye umntu." – Annie Gottlieb.

Sibabona kanjani abantu abanentlonipho njengendlela yabo yokuphila?

- Ngabantu abathobekileyo ngako oko bangabantu abanentlonipho, bechubekile bebanjamezela abanye nokuba abo bazi-phatha kanjani. Ngenxa yokuba isidima sabanye abantu sibalulekile kubo babanika intlonipho abanye abantu.

- Intlonipho yabo ayiphenjelelwa zizinto ezifana newonga, isikhundla, imvelaphi, uhlanga, isini okanye inkolo yomntu.
- Basoloko bezimisele ukubamamela abanye ngalo lonke ixesha bazame ukuyiqonda indlela omnye avakalelwa ngayo okanye baqonde into ayithethayo. Ngokukujonga emehlweni nangendlela umzimba othetha ngayo bayakubonisa ukuba wena njengomntu into oyithethayo ibalulekile kubo.
- Ababusebenzisi ubundlobongela xa besombulula ingxabano endaweni yoko bathetha kakuhle phucukileyo.
- Basebenzisa umgaqo wemihla ngemihla othi, "yenza njengoko nawe unga kungenziwa kuwe".
- Bahlonitshiwe ngabanye abantu kuba nabo bayabahlonipha abanye.

Ucinga ukuba indlela yokuziphatha koluntu lwethu ibonisa ukuhloniphana kwethu?

(Ingcaciso: Ernst Kretschmer ku-082 412 4538 okanye i-imeyile: ernstes@vodamail.co.za)

NATIONAL FRAUD HOTLINE 0800 701 701

- **VERKIES U DIÉ NUUSBRIEF IN 'N ANDER AMPTELIKE TAAL?** SMS u rekeningnommer met A vir Afrikaans na 082 338 1631
- **WOULD YOU PREFER THIS NEWSLETTER IN ANOTHER OFFICIAL LANGUAGE?** SMS your account number with E for English to 082 338 1631

